


SIVE no ZIZO

by Lucy O'Keeffe



SIVE & ZIZO

by Lucy O'Keeffe

A project of the Centre for Social Development, Rhodes University,
in partnership with the HCI Foundation¹

You are free to:

Share – copy and redistribute the material in any medium or format

The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the license terms.

Under the following terms:



Attribution – You must give **appropriate credit**, provide a link to the license, and **indicate if changes were made**. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.



NonCommercial – You may not use the material for **commercial purposes**.



NoDerivatives – If you **remix, transform, or build upon** the material, you may not distribute the modified material.

Copyright © 2020 Lucy O'Keeffe

Yaguqulelwa esiXhoseni nguNoluthando Shelle

First printing, 2020

Igama lam ndinguSive.
Ndineminyaka emihlanu
ndihlala eTantyi kwindlu
eluhlaza kunye noMakhulu
wam.




Ndinodadewethu ogama
linguLihle. Uhlala exakekile
kwifowuni yakhe okanye
encokola nabahlolo bakhe.



Ndiyayithanda xa umalume
uMfundu edlala ibhola kunye
nam, kodwa unomsebenzi ngoku
kwaye andimboni kakhulu.

Lo nguZizo. Uyidayinaso kwaye
ungumhlobo wam
osenyongweni. Uhlala efuna
ukudlala nam.



U-Lihle uthi akangowenyanzi,
kodwa unguye kum kwaye
ndiyamthanda.

Mna noZizo senza yonke into
kunye. Sinezinto ezininzi ezifika
apho. UZizo unesibindi kwaye
undenza ndizive ndinesibindi.



Uyandinceda nditye isidlo sam
sangokuhlwa, (ingakumbi izinto
endingazithandiyo.)



Umakhulu uthi akakwazi ukuya
kuhlamba nam kodwa
undigcina ndihleli naye
ngelithuba ndihlamba.



Ebusuku ulala nam ebhedini
yam. Sibalise amabali kwaye
undigcina ndikhuselekile.

Ukuqala kwam ukuya kwiGrade R
kulo nyaka, uGogo wathi
uZizo kufuneka ehlala ekhaya.

Ndaziva ndilusizi kwaye
ndisoyika ukuya ngaphandle
kwakhe.



Ngomhla wam wokuqala
kwabakho abantwana abaninzi
abatsha kwaye ndaziva
ndinentloni. Ndakhumbula uZizo.

Uzizo wayendilindile xa ndifika
ekhaya. Ndamxelela konke
malunga nesikolo noko
ndikufundileyo.



Ndafunda ngezandi
zezikhamiso 'A-E-I-O-U'. Zibini
kwigama likaZizo. Wayithanda
loo nto.

Ngosuku lwesibini esikolweni
ndadibana noAsia. Sadlala
kwaye wandibonisa umdlalo
omtsha.



U-Asi ubaleka ngokukhawuleza,
kodwa hayi ngokukhawuleza
njengam.

Ndimxelele uZizo konke
malunga nomhlobo wam
omtsha uAsi. Ndicinga ukuba
uyamthanda naye.



Ndithe kuZizo nangona
ndinomhlobo omtsha nje
ndisamthanda kwaye ndakuhlala
kunjalo.

IMIBUZO OMAWUYIBUZE UMNTWANA WAKHO.

- I. Ngubani igama likadade uSive?2. Uhlala phi uSive?
3. Buthini ubulela bukaSive?
4. Ingaba ucinga ukuba uZizo ngowenyan i kusinina?
5. Ingaba ucinga uSive wayehlutshwa yintoni ngosuku lwakhe ukuqala ukuya esikolweni?
6. Ngaba wakhe wazise unentloni phakathi kwabanye abantwana?
7. Ngubani umhlobo wakhoomthembayo?
8. Zintoni izinto othanda ukuyenza nabahlobo bakho?